education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

EXEMPLAR 2009

MEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Eli memorandam linamaphepha ali-13.

ICANDELO A

INOVELI: UMBUZO OMFUTSHANE

UMBUZO 1

1.1

1.1.1 NguLizzie. √ (1)

1.1.2 NgoMpumelelo. √ (1)

1.1.3 Ngumfana ophucukileyo. Ngugqirha. Omhle. Onomtsalane. Inene. √√ (2)

1.1.4 Ewe. Ngokwengcinga zayo ugqirha angambeka endaweni engcono kunomahlalela.
Hayi. Makanyaniseke emntwini wakhe. √√ (2)

1.1.5 Uthi lixwakuxwaku kwaye uyamazi ukuba isiilo sakhe sinjani. √√ (2)

1.1.6 NguZet. √ (1)

1.1.7 Uzama ukuzenza umntu ophucukileyo kwaye ucinga ukuba ukuthetha isitsotsi kuza mbeka endaweni ephucukileyo. √√ (2)

1.1.8 C (ungutsotsi ongenambeko). √ (1)

1.1.9 Akanxibanga kakuhle. √ Unxibe ikepusi √ kwaye akaqhinanga. √ (3)

1.1.10 Uyithathe njengendelelo into yokumohlutha umntu adanisa naye. √√ (2)

1.2

1.2.1 Akabathembi ngenxa yendlela abancokola ngayo nabadanisa ngayo. Unesikhwele. √ (1)

1.2.2 NguLizzie. (2)

1.2.3 Ivakalelwa imthanda kwaye itsalekile kuye. Uphucukile uMpumelelo kwaye uyawubona umahluko phakathi komntu wakhe nalo. Uziva ekhuselekile kulo gqirha. √√ (2)

1.2.4 Lilokonya/akanazigqibo/liwexuwexu. Uthabatheka lula. Uyazithanda izinto ezibhetele. √√ (2)

1.2.5 Wazi ukuba angalibali ukuba useyelenqeni lokuba abulawe uMpumelelo. √ (1)

1.2.6 Yindlavini/indladiya/utsotsi/umguvela. Uthetha dlakadlaka nenenekazi lakhe/akukho luthando lubonakalayo kwindlela athetha ngayo/ uthetha gadalala. √√ (2)

1.2.7 Unxilile/uyotyiwe/uqhunyiwe. √√ (2)

1.2.8 Yindlela amgxavule ngayo uZet. √√ (2)

1.2.9 B (waqala umlo) √ (1)

1.2.10 Hayi. √ Abazange bamchane uMpumelelo, waphepha bachana omnye umntu. √ (2)

1.2.11 C (othubeleza ngokukhawuleza egxadazela) √ (1)
[35]

UMBUZO 2: ISINCOKO

UMpumelelo uzalelwa kwikhaya elingenaxolo, apho unina noyise bexhwithana mihla le, wakhulela kuloo meko injalo. Isizathu soku bubukhwele bukanina uNomakhwezi. Ixesha elininzi ulichithe esikolweni. UMpumelelo wafika ngenye imini unina etyoboza ngamatye imoto katata wakhe yomsebenzi, ngenxa yobu bukhwele. Wanqanda uyise owayevutha ngumsindo ngemoto yabelungu aphinde anqande unina owayeligwele bubukhwele engafuni kunqandwa.

Abazali bakaMpumelelo basweleka kwingozi yemoto batsha baluthuthu ebukele uMpumelelo ingekho into angayenza kuba naye wayenzakele kuloo ngozi. Bamshiya eseneminyaka elishumi elinesithandathu wasala nodadobawo kamamakhe uYolisa notatomncinci wakhe uThamsanqa. Latshon'ilang'emini kuMpumelelo ngenxa yoku kushiywa ngabazali bakhe esemncinci. Yafuna ukuphazamiseka kakhulu ingqondo yakhe, waxheleka emphefumlweni emana esenza isijwili abantu bengaqondi unobangela woko. Kwathi emva komngcwabo waba nokuphakuzela ngathi ushiywa ziingqondo. Waqala ukubungcamla ubomi bobunkedama. Waya kufunda eBlythswood iJ.C. ehlala yedwa etyiwa ngumvandedwa, enesithukuthezi kangangokuba nabanye abafundi bayiqaphela le meko.

Xa elele uyakhala aze abhude ekhala ngomlilo esithi abantu mabanqande. Ilishwa lamambatha kuba apha esikolweni watyholwa ngokuba kwiqela labafundi abalwe emdanisweni kuba naye wayedukile ngobo busuku. Wayeye kumboniso bhanyabhanya othi, The Great Fire of London", waza wakhumbula imini yokutsha kwabazali bakhe. Wasimbela isinqe ukuya ngasemlanjeni kufuphi nehlathi nto leyo eyamfaka enkathazweni kubalawuli besikolo kuba le meko yadibana nomlo wasemdanisweni. **[35]**

UMBUZO 3: INOVELI 2: UMQOL'UPHANDLE

ISICATSHULWA A

3.1

3.1.1 Wamenzela iti wamninka necuba. √√ (2)

3.1.2 UNongqawuse. √ (1)

3.1.3 Yimoto eyayiqhutywa linenekazi elafika eRio linxibe ibhatyi entle laza alahlala laphuma kwangoko lemka. √√ (2)

3.1.4 Road Masters tyres. √√ (2)

3.1.5 Waqokelela amatye esenza isivivane. √ (2)

3.1.6 Yitape recorder. √ (2)

3.1.7 Wayeyifunela isiqu sakhe eza kuyisebenzisa ekhaya. √ (2)

3.1.8 Yayinxibe ibhatyi yoboya obumfumamfuma ibuhobe, nelokhwe eyayiyinxibile yayingumenzakalo kwaye yayihamba yodwa. Yayintle ngokungathethekiyo. √√ (2)

ISICATSHULWA B

3.2

3.2.1 NguDuma Hlelo. √ (1)

3.2.2 Uthi bancedisana noLinda ekufuneni umntu obulele uEddie. √√ (2)

3.2.3 Uxelile ukuba uLinda noEddie babethandana kakhulu. Ivolovolo kaLinda yalahleka phambi kokufa kukaEddie. √√ (4)

3.2.4 Waya kuKhumalo oligqwetha likaLinda. √√ (2)

3.2.5 Ungumntu onothando, obathandayo abantu, unentliziyo entle. √√√√ (4)

3.2.6 Uyachaphazeleka ekufeni kukaEddie. √√ (2)

3.2.7 Wayecinga ukuba ifihlwe nguEddie uza kuphinda amnike. √√ (2)

3.2.8 WayenguNobhala. √ (1)

3.2.9 Kwafika abaphathi baseMoonglow – amadoda nabafazi kodwa akazange akhankanye magama. √√ (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 4: ISINCOKO

Kulo mdlalo sidibana nokufa kukaEddie maga noLulama Zuma. Esi sibini sifunyenwe sibubutyobo emotweni ababeye ngayo kumboniso eRio Cinema. Akukho mntu ukubonileyo tu okwenzekileyo nokukhokhelelele ekufeni kwesi sibini. Into efumanekileyo yimbumbulu ephuma kwivolovolo eyi `38 *automatic* efumaneke entlokweni kaEddie. Le volovolo kufumaniseka ukuba yekaLinda Monti. Okwesibini kufumaniseka ukuba amavili emoto ebiqhutywa ngumbulali abizwa iroad masters, kwaye kufumaniseka ukuba uLinda usebenzisa olu hlobo lwamavili kwimoto yakhe. Ubungqina obunikwe nguJoe ngenenekazi elafika eRio linxibe ibhatyi emfumamfuma yodidi oluphezulu nabo bubangele ukuba umcuphi angathandabuzi ukuba uLinda nguye umbulali kaEddie noLulama. Ulinda uphela ethathwa aye kuvalelwa.

Ubungqina obuvela nomfana osebenzela uLinda bokuba ivolovolo kaLinda monti yalahleka phambi kokufa kukaEddie. Isikhumba sofele sikaLinda awayesishiye emotweni ngomhla wokufa kukaEddie ze kwafika abantu baseMoonglow bathi makangene naso endlwini, konke oku kubangele ukuba okaHlobo aphinde enze uphando ngokufa kwesi sibini. Ubuyela kuDick uzibiza umhlobo kaEddie, uthi ekuncokoleni kwabo, amxelele ngetape recorder eyafunwa nguEddie kuye. Umcuphi uwa evuka efuna le tape recorder. Unxulumana namapolisa aseKomani ukuze afumane unkosikazi Hobe owayefike kwisikhululo samapolisa esithi ungumakazi kaEddie. Uxelelwa ukuba unkosikazi Hobe wasweleka phambi kokuba uEddie asweleke. Le nto imtsho wahlunguzela intloko okaHlobo. Uye kumzi ogcina amafa apho aye wafumana khona ukuba izinto ezinale tape recorder zise-All safe bank. Uyayifumana le tape recorder, uyayidlala . Ufumanise kuyo ukuba uEddie ebengavani nabanye abaphathi beMoonglow Club kuba bafuna kuthengiswe intsangu, yena ke akahambelani naloo nto.

Kwiintetho zabo bathembisa ngokohlukana naye ukuba akahambisani nokuthengisa intsangu. Bamnike nje inyanga ezintathu ukuba aphinde acinge. OkaHlobo uyaqala ke ngoku ukuyibona ukuba apha uLinda uqatywe ngamafutha inyama engayityanga. Uyaqala uyabalandela, ubiza amapolisa amlande xa ebalandela ebusuku besiya kungena ehlathini. Baya babababamba bephethe iingxowa zentsangu abavela kuzitshintshisa ngotywala kumaMpondo. Ubambe uThembisa lo wayezenza umakazi kaEddie, ikwanguye nowafika eRio enxibe ibhatyi emfumamfuma ezenza uLinda Monti. Wafumana uMdoda owayengene kwizihlangu zikaEddie, okaNdungwana owayezenza umhlobo omkhulu kaEddie, kunye nokaNzulube owayeququzelelea itheko lokubekwa kokaMdoda esihlalweni sikaEddie. Bathathwe bonke baya kubekwa kwinkundla yamatyala, apho bathe xa bebuzwa ukuba banalo na ityala okanye abanalo, bathi cwaka, konke obekusenzeka emfihlakalweni kudandalaziswe kwiinkundla zamatyala. Ziyarhoxiswa izityholo kuLinda, abenzi bobubi bayavalelwa, bagityiselwa kwesimnyama isisele. **[35]**

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B

UMDLALO: Ndiyekeni ngu DM Jongilanga

UMBUZO 5

5.1

5.1.1 NguMawonga Loni.√ (1)

5.1.2 Imali yakhe ibisetyenziselwa ukuthenga impahla yendlu. √ Ukutya. Ukwenza amalungiselelo eepati. √ (2)

5.1.3 Uthandana noZanele ohlala noFuneka. √ (1)

5.1.4 Nu-3, eMdantsane. √√ (2)

5.1.5 Phezu kwebhedi. √ (1)

5.1.6 Ungene ngefestile ebingavalwanga. √ (1)

5.1.7 NguNdila noZanele. √√ (2)

5.1.8 Yityhefu. √ (1)

5.1.9 Yayisisenzo sangabom.√ UMawonga uye wafumanisa ukuba ukuphuma kwakhe endleleni licebo kwaneyelenqe eliqulunqwe nguNdila. Oku kumenze waziva efuna ukuziphindezela apha kuNdila neqela lakhe. Ukugxothwa kwakhe kwaFuneka xa engasaphangeli. Kwakuhlekiswa ngaye kwaFuneka ngenxa yesimo sakhe esitsha. Wayekhalela imali yakhe ephelele kulo mzi. Ukufundiswa utywala. Ukuphelelwa emsebenzini. √√√√ (5)

5.1.10 UNdila – ugwetyelwe intambo. √√
UFuneka noZanele-bobabini bagwetyelwe iminyaka elishumi emnye entolongweni. √√√√ (6)

5.1.11 Ukurhoxiswa kukaNdila emsebenzini √ kumenza azimisele ukuziphindezela. Ukufundiswa kukaMawonga ukusela utywala ade abe yindlamanzi √, ukutyiwa kwemali yakhe kakubi, √ ukurhoxiswa kwakhe emsebenzini, ukutyeshela umzi wakhe oku kumenza aziphindezele kwabo abazondayo ngokuzibulala ngokuthi adyobhe abo bameyeliseleyo ebomini. √ (4)

5.1.12 Ayethethwa nguMawonga Loni, uwabhekisa kumama wakhe noRay noMfazi wakhe. √√√ (3)

5.1.13 Babebukele ibhayaskophu. √ (1)

5.2

5.2.1 B √ (1)

5.2.2 C √ (1)

5.2.3 E √ (1)

5.2.4 A √ (1)

5.2.5 D √ (1)
[35]

OKANYE

UMBUZO 6: ISINCOKO

UNdila uyititshala engenankathalo ngomsebenzi wakhe. Uthi uMawonga oyinqununu kudala ethetha naye ngokuba makayeke ukusela akeva. Ngoku uthathe olunye unyawo uthuma abafundi ngexesha lesikolo, into emosha nedubaduba ucwangco lwesikolo.

UNdila akakhathali, akangomzekelo omhle wetitshala. Xa esela anxile phakathi kwamasango esikolo, loo nto imosha imbeko yesikolo. Akukho mntu uqinisekileyo ukuba usenza umsebenzi wakhe kakuhle eklasini xa engumahlal'eshushu.

Xa ebuzwa yinqununu ngokusela esikolweni nokuthuma abafundi ukuba baye kumthengela utywala uyakhanyela, usageza uphendula ngokudelelauthi mabangamembeli ingcwaba ejongile xa bengamfuni. Uphendula sileyo kwinqununu ebuza ukuba ityala abekwa lona yintoni na.

Uthi akuxelelwa izityholo abekwa zona ageze ngakumbi athi angawacula loo matyala soze aphumelele. Akambali nokumbala uMaziko yiyo le nto athi akanaxesha leencede xa ejongene nesangxa. Uyamdelela kwaye ufuna abe nomsindo kuyekwe le ithethwayo kuhanjwe nale yokulwa kwabo. Umfanisa nenja esiny'amazinyo ekhonkotha nje, kwaye akamoyiki uthi mabalwe kufe ofayo.

Uthi kwinqununu uwusingathe lo mcimbi ngathi akayondoda, yindelelo le kumntu ocenga efuna ukuxolelwa. Uthetha ukuthanda kwakhe kwinqununu yakhe. Uthi bacikoza baxel'intengu xa bekude nomlilo.
Uyabagxibha ngokuthi bakumhlaba wokunukiselana ngamakhwapha, oko kukuthi zitshonmi ezigonanayo. Uxolo lwakhe aluvakali kakuhle ngenxa yesi sigezo sakhe. Kuthe kwakucaca ukuba isangxa esiyinqununu siyamkhulela wabhenela kwamanye amacebo. Ude wawudla umsebenzi ngenxa yesigezo nokungakwazi ukuzithoba. **[35]**

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C

AMABALI AMAFUTSHANE, Ndakuyicel` ivuthiwe, Ngewu, LL & Guqa, EZ

UMBUZO 7

ISICATSHULWA A

7.1

7.1.1 Zazigqiba kuthatha impahla ngenkani/kuqhekeza. √√ (2)

7.1.2 Ngumntu ongakwazi kuthetha. Liyilo. √√ (2)

7.1.3 Ukuzinikezela/ukuzijula ijacu/ukoyika usiya phambili. √√ (2)

7.1.4 Babezokuthatha loo nto bayifunayo. √ (1)

7.1.5 EBhayi. √ (1)

7.1.6 Bathi abantu balapha zizifundiswa ezingathandi ukulwa, ngoko ke banezinto zexabiso. √√ (2)

ISICATSHULWA B

7.2

7.2.1 Nguyise kaNobani nomama kaNobani (Umfo kaMaqhazolo, uKhwalo nonkosikazi wakhe). √√ (2)

7.2.2 Lo mama uphethwe luloyiko bekunye nendoda yakhe. √√ (2)

7.2.3 Kudutyulwa izikrelemnqa eDikeni. √√ (2)

7.2.4 Ufuna naye aphume aye kulwa njengendoda. √√ (2)

7.2.5 Hayi. Ithi ngubani lo wakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? √√ (2)

ISICATSHULWA C

7.3

7.3.1 Sisikrelemnqa esidutyulweyo. √ Sibhekisa kubahlali baseDikeni. √ (2)

7.3.2 Uyazicengezela. Ubona umanyano kwaba bantu. √√ (2)

7.3.3 Wanele kukubethwa. Uyaboyikisa. Uzama ukuziqinisa. √√ (2)

7.3.4 Hayi. √ Omnye wabo onguMakenziwe umngxolisa ngelithi “qaba uqhathwe ngubani ukuba singamaqabane akho”, watsho embetha ngakumbi. √ (2)

7.3.5 Baqhubekeka bembetha ngakumbi. √√ (2)

7.3.6 Hayi. √ (1)

7.3.7 Ewe babekhohlakele. Kuba babengenalusini kwaye bembetha ngezikhali ezinobungozi.
Hayi, babelungile kuba babelungisa imeko yentlalo yaseDikeni ngokohlwaya izikrelemnqa. √√ (2)

7.3.8 Sukudela umqulu ungazibalanga iiyadi. Musa ukumosha umntu endaweni yakhe. Balumkele abantu abafundileyo. Ubukrelemnqa abubhatali/abakhi/busa kwantshabalala/buzala iinkathazo. Inja ifela ebunjeni bayo. √√ (2)
[35]

OKANYE

UMBUZO 8: ISINCOKO

8.1 Kwibali elithi, "Izibhovubhovu zaseBhayi", sifumanisa ukuba izihange zaseBhayi zenza unothanda kwidolophu yaseDikeni ngokuthi zingene ziphuma zisiba, ziqhekeza, zithatha izinto zabantu ngaphandle kwemvume, kuyo yonke le nto amadoda asedikeni ahlala enyamezele ukuphathwa kakubi ngamadoda aseBhayi awenza unothanda kwindawo yawo. Mlumkele umntu othuleyo kuba awuyazi into ayicingayo. Azincama amadoda aseDikeni ngokuphathwa okwamakhwenkwe kwindawo yawo. Kwasuka indoda yanye eyayanele yadumisa izulu lezandla, yaqengqa ugodo.

Izikrelemnqa zibabeleke kwangoko abasicatyana zamshiya apho uwazo egcuma ziintlungu. Uphume iphulo wonke umzi wasebuhlanti waseDikeni ubuza indawo yexhwayela. Ngenxa yokudinwa zizenzo zaba nqalintloko basemzini baphatha indawo yabo ngobuxelegu, abantu baseDikeni bagxalathelene bayibetha bayosela enye yala madoda aseBhayi. Abalingane balo nqalintloko baye bacela kwabanentsente bakubona ingqumbo yomzi waseDikeni kwindlela abethwe ngayo ugxa wabo. Bamshiya ekhwina yedwa kuloo ndawo adutyulelwe kuyo ngembumbulu yamalungisa ezifundiswa zaseDikeni.

Sithe nangoku sesicela amaxolo sitarhuzisa eso sikrelemnqa sonzakalisiweyo, abantu abayeka ukuzifikisela kuso bebangwa ngumsindo wokunukunezwa ngala madoda kwindawo yabo. Abahlali bayibethe le ndoda bayilimaza kangangokuba uyaphela isisilima, nto leyo yabangumzekelo nakwezinye izikrelemnqa ukuba zingayijongeli phantsi idike.

Izenzo zokuthathelwa komthetho ezandleni nakwilizwe lethu jikelele ziyanda. Oku kuzalwa zizinto ezimbini. Okokuqala, abantu badinwe zizihambge ezenza ukuthanda kwazo kwiindawo ezihlala abantu. Okwesibini, uluntu lulahle ithemba kumagosa omthetho angenzi ngokwaneleyo ekulweni ulwaphulo mthetho entlakweni. Nangona kunjalo, urhuklumente akayikhuthazi imeko yokuba abntu bawuthathele kubo umthetho ngokoyikisela ukulinyazwa kwabantu abamsulwa nokudeleka kwengalo yomthetho. (15)

8.2 UMathilda ngumfo apha kweli bali ekucaca mhlophe okomva webhokhwe inyuka iqhina ukuba usadla ngendeb`endala. Lo mpondo zihlanjiwe wendoda uyichasa mpela into yabantwana abathi bakugqitywa ukuzalwa benze unothanda okanye bafune ukulawula abazali ngegqudu. Nangani nje ebonakala engumfo obakhulise ngemithetho engqingqwa abantwana bakhe, uhlangana neembila zithutha mhla kwavakala udaba lokuba iintombi zakhe ziye zatya emthini wehlazo zaze zakhulelwa ngaxeshanye.

Nanjengothambo-dala kade bemqongqotha obeka phambili indili nesidima somzi, le nto iye yamphatha emanyeni uMathilda yamenza walijaja ngumsindo waxel`inyushu ifufuthekiswa kukubon`utshaba. Akaphozisanga maseko kuba nanko simbona esenze ngokungalibazisiyo into adume ngayo, le yokujongana neemeko ngomsindo ohamba nesinyalumane. Uye akhombe iintombi zakhe ngesango, eyibeka ngokumhlophe into yokuba azamkelekanga kwikhaya lakhe elikholose ngesithozela nengqeqesho. Ulibeka litsole elokuba ezi ntombi zingaze zicinge nokucinga ukubeka imicondwana yazo kumzi wakhe, ezikhomba ukuba ziye kwantliziyo ndise, ukuze zenze unothanda khona.

Indlela aluleka ngayo uMathilda ingaphantsa ingalungi kwaye ingangqinelani nemeko yobomi bale mihla siphila kuyo. Nditsho kuba siphila kumaxesha empucuko. Impucuko esiphila kuyo ke ixhasa kwaye ikwakhuthaza intsebenziswano phakathi komzali nomntwana. Kule ntsebenziswano ke kubhengeziswa uluvo lokuba nomzali umele ukulusabela aze aluhloniphe ilizwi lomntwana nanjengoko oku kudandalazisiwe kumalungelo oluntu kwimiqulu karhulmente wethu. Kule mihla abantwana (amakhwenkwe namantombi) ayithatha iyinto efanelekileyo nengaxoxisiyo ukuzayamanisa nezenzo zesondo, sondo elo lingunozala wokukhulelwa. Ngamafutshane, uMathilda ebengenakuze alunge kubomi bale mihla, ebeza kusaka. (20)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D

ISIHOBE: VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 9

9.1

9.1.1 Imingcunube √ (1)

9.1.2 Kuba le mithi iyabukeka, mihle, kwaye ubuhle bayo ibonakalisa uthando, ubuhlaza (indyebo). √√ (2)

9.1.3 Kuphuhlisa ihlaziyeko nobuhle bale mithi. √√ (2)

9.1.4 Ubhekiselela ekujingeni kwamasebe le mithi/ekuthobekeni kwayo nasekwamkeleni zonke izinto nomzimba ongenamikhinkqi. √√ (2)

9.1.5 Amahobohobo kunye nabahambi. √√ (2)

9.1.6 Kumasebe emingcunube. √ (1)

9.1.7 Le mithi iphehluzeliswa ngumoya kwaye iwuthobele umoya kule nto. √√ (2)

9.1.8 Isifaniso. √ (1)

9.1.9 Ewe. √ Kuba imingcunube ime phezu kwemilambo ngobobuhlaza bayo nalo masebe ayo anamagqabi amahle, amade naqonondele ezantsi kumanzi emilambo. √√ (3)

9.1.10 Isimntwiso. Siphuhlisa ubuhle bemingcunube obufaniswa nobuhle bomntu ozithobileyo, onesidima, nonesimo esihle. Siphuhlisa ubuhle bokuzithoba, nokwamkela iimeko nokuba zinjani ngembeko, zinto ezo zilindeleke ebantwini. √√ (2)

9.1.11 Ngumbongo-nkcazo. Uchaza ngenkangeleko yemingcunube. √√ (2)

9.2

9.2.1 Intle/inomkhitha/iyathandeka. √ (1)

9.2.2 Kukujongeka/ukubukeka/ukuthandeka/ubuhle bomntu. √ (1)

9.2.3 Iyamthanda/ikholisekile nguye njengomzali wayo. √√ (2)

9.2.4 Ibhongo lombhali ngale ntombi yakhe yokuqala. √√ (2)

9.2.5 Ngamehlo athethayo/umntu okujonga ngathi uyathetha ngaphakathi. √√√ (3)

9.2.6 Ukubangwa kwale ntombi ngumbhali. √√ (2)

9.2.7 Ibhaduliswa kukungazi ukuba intombi yakhe yolandela liphi na ikhondo lomsebenzi kwingomso layo. √√ (2)

9.2.8 Ukuba ngumongikazi nokuba ngumlimikazi. √√ (2)
[35]

OKANYE

UMBUZO 10

10.1

10.1.1 Inyaniso. √ (1)

10.1.2 Isikweko. √ (1)

10.1.3 Uyamanyanisa. Uyathandeka. Unomkhokha. Uzisa indyebo. Unenceba. √√√ (3)

10.1.4 Yinto etsalela amehlo abantu kumntu othile / Kukubukeka / Ukuthandeka. √ (1)

10.1.5 Ngumkhumezelo, ngamathontsi – isikweko/ukunxiba inceba-ubabazo. √√ (2)

10.1.6 Ubuzwa mva/urhanelwa mva. √ (1)

10.1.7 Uxela izinto ezifihlwayo. √√ (2)

10.1.8 Inyaniso ihamba nenceba / umntu onenyaniso unenceba yokulwa ubuxoki/ makahlale enenceba maxa onke. √√ (2)

10.1.9 NguThixo/Yehova/Sombawo/Qamata √ (1)

10.1.10 Kaloku inyaniso nothando luyakhulula. Oku kwenza ukuba izihlobo zithetha ngokukhululekileyo ngeengxaki zazo kungabokho kubamba ntliziyo. Uthando oluhamba nenyaniso lwenza wonke ubani azive efuna ukusoloko ekunye nalowo unikeza oluthando. √√ (2)

10.1.11 Ngumbongo-nkcazo. Umbhali usichazela banzi ngenyaniso. √√ (2)

10.1.12 Umbhali usikhuthaza ukuba sibe nenyaniso ukuze sakhe ubuhlobo nesizwe. Kukhuthazwa abangenanyaniso ukuba babenayo, ukuze nabo banayo bayigcine kuba iyaphilisa. √ (1)

10.2

10.2.1 Yisonethi. Unemigca eli-14. √√ (2)

10.2.2 Uthetha ukuba ubomi bubanamaxesha amnandi buze buphinde bube namaxesha amabi. Ubomi ngamahla-ndinyuka. Ubomi bunamajing`iqhiwu. Ubomi buyajika-jika. Bunamaxesha okonwaba nawentlungu. √√ (2)

10.2.3 Ukuba ngaba akuqinanga/akomelelanga, ubomi bungakohlula. √√ (2)

10.2.4 Okwerhangasi-sisifaniso. √√ (2)

10.2.5 "Izinto zalo mhlaba ngubhanga cimi okwerhangasi". √ (1)

10.2.6 Umfanekiso womlilo werha(nga)si ovutha kakuhle uthi xa kuphela irhasi kusuke kuthi pam, kuphele tu ngawo. Nobomi bomntu ke bunjalo, umntu ukhule emhle kodwa ubomi bakhe buya bucutheka ngokucutheka de busithele. √√ (2)

10.2.7 Umbhali apha usixelela ukuba ubomi buyajika-jika kwaye bufuna abantu bomelele kwaye zonke izinto zobomi zizinto zethutyana, ziyaphela. √ (1)

10.2.8 Kukuphelelwa ngamandla/kukutyhafa. √√ (2)

10.2.9 Ndiyavumelana. Ayikho into engapheliyo/engagqithiyo/nesisimakade. Andivumelani. Ukuba umntu uyazimisela ekunqandeni nasekugcineni izinto ezithile kubomi bakhe, anganakho ukukwenza oko. (Umzingisi akanashwa) Iziphiwo eziphuhliswayo zigqithiselwe nakwabasakhulayo zigcinwa zikho. √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70